

Putting stories at the centre

The beginning of a new year is always a good time to make decisions about what you want to experience and achieve over the next 12 months. Have you thought about including stories and reading in your 2015 resolutions? How about putting stories and reading at the centre of your home this year? Here are some suggestions to get you started.

1 DECIDE ON YOUR READING AND STORY GOALS. Let each family member write down their own list of goals. Here are examples from some of the reading clubs in the Nalibali network:

- Read for an hour a day.
- Finish the *Diary of a Wimpy Kid* series.
- Read all the books by my favourite author.
- Read a book by five authors I have not tried before.
- Read 24 novels.
- Read to my younger sister every day.

Display everyone's goals and then tick them off as you achieve them!

2 HAVE "STORY SUPPERS"! Let a different family member tell a story during supper time once a week. This story could be one that they have read or heard, or a new one that they have made up! You could also create a story together by letting one family member tell the beginning of a story and then letting everyone else add a bit to the story until it is complete!

3 READ ALOUD EVERY DAY. Set aside 15 minutes every day to read aloud to your children. Many children enjoy being read to at bedtime, but some children may find it easier to concentrate at other times in the day, or if you break the time into two shorter sessions. It really doesn't matter when you read together each day – it's doing it regularly that counts!

4 EXPLORE YOUR LIBRARY. If you have a library near you, get into the habit of visiting it regularly with your children. Allow enough time for your children to look at lots of books, and for you to chat about them before they decide which ones to borrow.

Happy reading!



Ukukhokelisa amabali

Ukuqala konyaka kusoloko kulixesha elilungileyo lokuthatha izigqibo malunga namava ofuna ukuwafumana kwakunye noko uzimisele ukukuphumeza kwiinyanga ezili-12 eziza kulandela. Ingaba ukhe wakucinga ukuquka amabali kunye nokufunda koko ugqibe ukukuphumeza ngowama-2015? Kunganjani xa unokukhokelisa amabali nokufunda njengowona mba uphambili nobalulekileyo ekhayeni lakho kulo nyaka? Nazi ezinye zeengcebiso ezinokukunceda uqalise.

1 THATHA IZIGQIBO MALUNGA NEENJONGO ZAKHO NGOKUFUNDA NANGAMABALI. Vumela ilungu ngalinye losapho ukuba libhale phantsi uluhlu lweenjongo zalo. Nantsi imizekelo ethathwe kwezinye zeeklabhu ezikwisixokelelwano seNalibali:

- Ukufunda kangangeyure enye ngemini.
- Ukugqiba uthotho lweencwadi olubizwa ngokuba yi-*Diary of a Wimpy Kid*.
- Ukufunda zonke iincwadi ezibhalwe ngoyena mbhali umthandayo.
- Ukufunda iincwadi ezibhalwe ngababhali abahlanu ongazange wakhe wazifunda iincwadi zabo ngaphambili.
- Ukufunda iinoveli ezingama-24.
- Ukufundela udade wenu omncinane yonke imihla.

Xhoma eludongeni iinjongo zomntu wonke uze umane uzitikisha xa ubani eziphumezile ezakhe!

2 YIBANI "NAMAXESHA AMABALI ANGESIDLO SANGOKUHLWA"! Kanye ngeveki, vumelani ilungu losapho elohlukileyo libalise ibali ngexesha lesidlo sangokuhlwa. Eli ingalibali umntu awayelifundile okanye awakhe walivila libaliswa, okanye ibali elitsha umntu aziqambele lona! Kananjalo ninakho nokuqamba ibali ninonke ngokuba ilungu losapho lokuqala libalise isiqalo sebali ze bonke abanye abantu bongeze iindinyana ezincinane ebalini de ligqitywe ibali elo!

3 FUNDANI NGOKUVAKALAYO YONKE IMIHILA. Bekelani bucala imizuzu eli-15 yokufunda yonke imihla ukuze nifundele abantwana benu ngokuvakalayo. Abantwana abaninzi bayakonwabela ukufundelwa xa beza kulala, kodwa abanye abantwana bangakufumanisa kulula ukuzikisa iingqondo zabo nangamanye amaxesha osuku, okanye ukuba ixesha elo ulohlula libe yimizuzwana embalwa. Enyanisweni, akukhathaliseki ukuba nifunda nini na ngemini xa nikunye – okubalulekileyo kukwenza oko rhoqo!

4 PHONONONGANI ITHALA LENU LEENCWADI. Ukuba unethala leencwadi elikufutshane nawe, ziqhelise ukulindwendwela nabantwana bakho rhoqo. Nika abantwana bakho ixesha eloneleyo lokujonga iincwadi ezininzi, nelokuba nithehe ngazo phambi kokuba bafikelele kwisigqibo sokuba baza kuboleka eziphi na.

Nanga ningakonwabela ukufunda!



Drive your imagination

Story Power.
Bring it home.
Wazise ekhaya amandla ebal.





Nal'ibali news

In October 2014, Nal'ibali launched a national billboard campaign called "Story Power. Bring it home." to raise awareness about the power stories have to help our children reach their potential.

The billboards were created to inspire moms, dads, grandparents, neighbours and other caregivers to share stories with the children in their lives. Why? Because children who read for pleasure, perform better in the classroom, and not just in vocabulary and spelling, but also in Maths. And, of course, stories are a great way to get babies and children interested in books and reading.

Nal'ibali held a special storytelling in Pimville, Soweto to help unveil the last of 500 billboards that are now to be seen across South Africa. Here are some photos of the event.



The last Story Power billboard being put up.
Ukuxhonywa kwebhlabhodi yokugqibela yeStory Power.



Children at the event enjoying a story told by Antoinette Sithole.
Abantwana ababekulo msitho bonwabele ibali bali elibaliswa ngu-Antoinette Sithole.

Iindaba zeNal'ibali

KweyeDwarha yowama-2014, uNal'ibali wasungula iphulo likazwelonke leebhlabhodi elibizwa ngokuba yi-"Story Power. Wazise ekhaya amandla ebali." ukufundisa malunga namandla anawo amabali ukunceda abantwana bafikelele kwelona nqanaba liphezuli lezakhono abanazo.

Ezi bhlabhodi zenziwe ukuze zivuselele oomama, ootata, oomakhulu, oota'omkhulu, abamelwane kunye nezinye iimpelesi ukuba babelane ngamabali nabantwana abasebomini babo. Kuba kutheni? Kuba abantwana abafundela ukuzonwabisa, benza kakuhle eklasini, hayi nje kuphela kwisigama nopelo, koko nakwiziBalo. Kwaye ke, amabali yindlela elunge kakhulu yokwenza iintsana nabantwana babe nomdla ezincwadini nasekufundeni.

UNal'ibali ubambe indibano ekhethekileyo yokubalisa amabali ePimville, eSoweto ukwazisa ibhlabhodi yokugqibela kwezingama-500 eziza kubonwa kulo lonke eli loMzantsi Afrika. Nazi ezinye zeefoto zalo msitho.



Children from the reading clubs at Motjoli, Winnie-Ngwekazi and Tshebedisano Primary Schools celebrating with special guests, Mandi "Poefficient" Vundla (a writer and spoken-word ambassador) and Antoinette Sithole (local role model, storyteller and sister of Hector Pieterse).


Abantwana abaphuma kwiiklabhu zokufunda zaseMotjoli, iWinnie-Ngwekazi kunye nesikolo samaBanga aPhantsi iTshebedisano babhiyoza kunye nesithethi sembeko, uMandi "Poefficient" Vundla (umbhali kunye nonozakuzaku wezincoko zomlomo) kunye no-Antoinette Sithole (ongumzekelo ekuhlaleni, umbalisi-mabali kunye nodade boHector Pieterse).

"Parents and grandparents: storytelling can bring your children closer to you."
Antoinette Sithole

"Bazali nani boomakhulu nootatomkhulu: ukubalisa amabali kungabasondeza kuwe abantwana bakho."
nguAntoinette Sithole

To watch a video of the event and see interviews with Antoinette Sithole and Mandi Vundla, go to www.youtube.com/TheNalibaliChannel.

Ukuze ubukele ividiyo yalo msitho kunye nokubona udlwanondlebe no-Antoinette Sithole kunye noMandi Vundla, yiya ku-www.youtube.com/TheNalibaliChannel.



Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.45 a.m.

SAfm on Monday to Wednesday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.45.

SAfm ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.


Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge phakathi.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



UMpukwana wayefuna indawo
efundumeleyo neyomileyo.

Mouse needed somewhere warm and dry.



Ngobo busuku uMpukwana waphupha kubanda
kwaye kumanzi.

“Enkosi,” watsho uMpukwana.

Ungenza kulala kunye nam,” watsho uNtlanzi.

That night, Mouse’s dreams were cold and wet.

“Thank you,” said Mouse.

“You can come and sleep with me,” said Fish.



Fold

We believe every child should
own a hundred books
by the age of five.

Become a book-sponsor and
help change the world.

Get involved at
bookdash.org



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment
campaign to spark children's potential through
storytelling and reading. For more information,
visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke
lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela
umdlu ebantwaneni ngokubalisa amabali
nokufunda. Ngeenkukacha ezithe
vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org
okanye ku-www.nalibali.mobi



Fold

A house for Mouse *Indlu kaMpukwana*

Michele Fry
Amy Uzzell
Jennifer Jacobs



Fold



Ungaza kulala kunye nam, watsho
uSikhwenene?
“Enkosi!” watsho uMpukwana.
Ngobo busuku uMpukwana waphupha
kungxolwa kukho ubundlongondlongo.

“You can come and sleep with me,” said Parrot.
“Thank you,” said Mouse.
That night, Mouse’s dreams were noisy and wild.



Mouse was looking for a house.

UMpukwana wayekhangelela indlu.

4

Fold





Fold

“You can come and sleep with me,” said Puppy.
 “Thank you,” said Mouse.
 That night, Mouse’s dreams were bouncy
 and muddy.
 “Ungeza kulala kunye nam,” watsho uNjanya.
 “Enkosi,” watsho uMpukwana.
 Ngobo busuku, uMpukwana wayephupha
 kuxhunywa-xhunywa, abantu
 bezibhuga-bhuga eludakeni.



That night, Mouse had warm and cosy dreams.

Good night, Mouse.

Ngobo busuku uMpukwana waphupha kufudumele kwaye kumnandi.

Busuku benzolo, Mpukwana.

Fold

UMpukwana wafumana ishelufa ezele
ziincwadi kufutshane apho.

Mouse found a bookshelf nearby.



Fold ↩



This looks like a nice house.

Le ikhangeleka ngathi yindlu entle.

Fold ↩ 6



Get story active!

Here are some suggestions of questions you could ask your children as you read *A house for Mouse*, and also some activities to do afterwards.

As you read ...

Pages 2 and 3: Can you see Mouse? Who do you think lives in that house?

Pages 4 and 5: Where do you think Mouse is now?

Page 6: Why do you think Mouse's dreams were bouncy and muddy?

Page 7: Why do you think Mouse's dreams were noisy and wild this time?


Page 8: Why do they think Mouse's dreams were cold and wet?

Pages 10 and 11: Can you see Mouse? What else can you see in this picture?

Pages 12 and 13: (Point to the books.) What do you think those are?

After reading ...

- Suggest that your children draw a picture of Puppy and Parrot from the story.
- Encourage them to use old boxes to create their own house for Mouse.
- Let your children cut out the picture of Mouse and stick it onto some cardboard. They can use this cut-out to retell the story or to tell their own stories about Mouse. (They could also use the house they made in their stories!)



Yenza ibali linike umdla!

Nazi iingcebiso ngemibuzo onokuyibuza abantwana bakho lo gama ubafundela ibali elisihloko sithi *Indlu kaMpukwana*, kwakunye nemisetyenzana eninokuyenza emva koko.

Njengokuba nifunda ...

Iphepha le-2 nele-3: Ingaba uyambona uMpukwana? Ucinga ukuba ngubani ohlala kulaa ndlu?

Iphepha le-4 nele-5: Ucinga ukuba uphi uMpukwana ngoku?

Iphepha le-6: Ucinga ukuba kutheni uMpukwana ephupha abantu abaxhuma-xhumayo nabazibhuqa-bhuqa eludakeni?

Iphepha le-7: Ucinga ukuba kutheni uMpukwana ephupha ngengxolo nobundlongondlongo kweli lixa?

Iphepha le-8: Ucinga ukuba kutheni uMpukwana ephupha kubanda kwaye kumanzi?

Iphepha le-10 nele-11: Uyambona uMpukwana? Yintoni enye oyibonayo kulo mfanekiso?

Iphepha le-12 nele-13: (Yolatha ezincwadini.) Ucinga ukuba zintoni ezi?

Emva kokufunda ...

- Cebisa abantwana ukuba bazobe umfanekiso kaNjanana nokaSikhwenene abasebalini.
- Bakhuthaze ukuba basebenzise iibhokisi ezindala ukuzakhela ezabo izindlu zikaMpukwana.
- Vumela abantwana ukuba basike umfanekiso kaMpukwana apha ngasekhohlo baze bawuncamathisele ekhadibhodini. Bangasebenzisa lo mfanekiso bawusikileyo ukubalisa ibali kwakhona okanye babalise awabo amabali amalunga noMpukwana. (Bangasebenzisa nendlu abayenzileyo kumabali abo!)



The Children's Literacy Charter is a guide for adults to ensure our children get the best literacy experiences possible. Visit www.nalibali.org to read all 11 literacy rights!

Story Power.

Bring it home.

Wagise ekhaya amandla ebali.



It starts with a story...

Story corner

Here is a new story to read aloud or retell. It is about Sibú and the problem of his sneezing!

A little bit (Part 1) By Wendy Hartmann

When Sibú moved into iLanga Avenue, Mrs Magona told all the neighbours to bring a little bit of this and a little bit of that, to welcome him. So Sibú made good friends. They liked him and he liked them.

Unfortunately there was one thing that upset everyone. Sometimes Sibú sneezed. And his sneezes were the worst sneezes in the whole world. When he stood in the doorway of his little home and went ... sniff, sniff, sniff, ... aah, aah ..., everyone panicked.

One morning, Sibú opened his front door. Out ran a little black cat and out stepped Sibú. He lifted his head, opened his mouth and said, "Ah, aahh ..."

"NO!" yelled Mrs Magona. "Don't let him sneeze. The last time that happened, it blew my washing into the vlei. Stop him right now!"

"NOOO!" screamed Mr Samson. "The last time Sibú sneezed he blew all my red roses flat. They were beautiful and just ready to sell. Stop him!"

"Ah, AAAH, AAAAH ..." went Sibú.

"Noooooo!" shouted Jabu and Nozi. "The last sneeze blew our homework away. The teacher wouldn't believe us when we told her it was because of a sneeze."

"Quick! We'll try a little bit of this and a little bit of that to stop him sneezing," said Mrs Magona with a peg in her hand. She put the peg on Sibú's nose.

"Aa, aahh ... That hurts! Please take it off," said Sibú.

Mr Samson brought Sibú a glass of water. "Hold your nose and drink this," he said.

Glug, glug. Sibú swallowed and started to cough.

"Quickly," said Jabu holding out a bowl of porridge. "Eat this."

"It will keep your mouth busy," said Nozi, "and wiggle your nose."

"Aaaaa ..." said Sibú pushing the bowl away. "Ah, aahh ..."

So everyone just stood and stared and waited.

The little black cat sitting on the wall watched and waited. She knew exactly what would happen. The washing would soar, the flowers would flatten, the homework would fly, and then three important things would happen. Her fur and whiskers would wave in the big wind. The sand would blow into the cracks of the wall ... and then ... best of all ... the mice would run out. And she was hungry.

Get your supplement next week and find out if anyone is able to come up with a plan to stop Sibú from sneezing.



Illustration by Shân Fischer
Umfanekiso nguShân Fischer

Indawo yamabali

Nali ibali elitsha onokulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise kwakhona. Limalunga noSibú kunye nengxaki yakhe yokuthimla!

Intwanana nje encinane (Inxalenye 1) Libhalwe nguWendy Hartmann

Wathi xa uSibú esiza kuhlala kwisitalato iLanga Avenue, uNkosikazi Magona waxelela bonke abamelwane ukuba baze nentwanana yale nentwanana yaleyaa, ukuze bamamkele ngoko. Ngoko ke uSibú wafumana abahlobo abaninzi bokwenene. Babemthanda naye ebathanda.

Ngelishwa kwakukho into enye kuphela eyayingonwabisanga wonke umntu. Ngamanye amaxesha uSibú wayethimla. Kwaye ke ukuthimla kwakhe kwakukokona kubi akwakhe kwabonwa kulo lonke ihlabathi. Xa emi kumnyango wendlwana yakhe aze athi fixi, fixi, fixi, ... itsi, itsa ... wonke umntu wayefikelwa lixhala.

Ngenye intsasa uSibú wavula ucango lwakhe lwangaphambili. Kwaphuma ikatana encinane emnyama waza walandela noSibú. Waqethula intloko yakhe, waza wavula umlomo wathi, "Itsi, itsa ..."

"HAYI!" kwakhwaza uNkosikazi Magona. "Musani ukumvumela athimle. Kwilixa lokugqibela ethimla, waphaphathekisa impahla yam yaya kutshona emgxobhozweni. Mnqandeni ngoku!"

"HAAAYI!" kwakhala uMnumzana Samson. "Kwilixa lokugqibela ethimla uSibú wazivuthulula zonke iintyatyambo zam ezibomvu. Zazintle kwaye zazisele zilungele ukuba ndizithengise. Mnqandeni ngoku!"

"IH, IIIH, IIIIIH ..." watsho uSibú.

"Haaayiii!" kukhwaza uJabu noNozi. "Kwilixa lokugqibela ethimla waphaphathekisa umsebenzi wethu wesikolo owenziwa ekhaya. Utitshala zange akholelwe xa simxelela ukuba kungenxa yokuthimla."

"Khawulezani! Siza kuzama intwanana yale nentwanana yaleyaa ukumnqanda angathimli," watsho uNkosikazi Magona ephethe unominxa-mpahla wokuxhoma impahla elucingweni. Waminxisela impumlo kaSibú.

"Ih, iiii ... Kubuhlungu! Nceda uyisuse lo nto," watsho uSibú.

UMnumzana Samson waphathela uSibú iglasi yamanzi. "Vala impumlo yakho uze usele la manzi," watsho.

Gongqo, gongqo. Waginya uSibú waza waqalisa ukukhohlela.

"Khawulezisa," watsho uJabu ephethe isitya esinepapa. "Yitya le papa."

"Iza kuwugcina uxakekile umlomo wakho," watsho uNozi, "kwaye shukushukumisa impumlo yakho."

"Iiiiiii ..." watsho uSibú esityhalela kude isitya. "Ih, iiii ..."

Kuthe ngoko wonke ubani wema bunxe, wabukela elindile.

Ikatana encinane emnyama eyayihleli edongeni yayibukele ilindile. Yayisazi kakuhle ukuba kuza kwenzeka ntoni na. Impahla esecingweni yayiza kuphaphatheka, iintyatyambo zaziza kuvuthuluka, umsebenzi wesikolo owenziwa ekhaya wawuza kuphaphatheka, kuze emva koko kwenzekile izinto ezintathu ezibalulekileyo. Uboya bayo kunye namabhovu ayo ayeza kuphephezela aye ngapha nangapha kulo moyakazi mkhulu. Intlabathi yayiza kuphaphatheka ingene kwiintanda zodonga ... kuze emva koko ... eyona nto imnandi kunazo zonke ... iimpuku ziza kuphuma zibaleka. Kwaye nayo yayilambile.

Funda uhlelo lwakho lweveki ezayo ufumanise ukuba ingaba kukho umntu othe wakwazi ukuza necebo lokuyekisa uSibú ukuthimla kusini na.